Inkqubo yeTriage : konke okufanele ukwazi

Yintoni iTriage?

iTriage yindlela wokuhlengisisa izigulane ezigulakakhulu kumagumbi empilo ngokujonga iimpawu ezithile kwisiguli nembali yaso.Umongikazi weTriage uzokubona akuhlolisisele yinkqubo yeTriage,emveni koku iimpawu nemilinganiselo yakho zizo ezizakutsho okokuba uzakungena koluphina uluhlu lwezigulane kumaqela amane.Lamaqela amane athiywe ngokwemibala,mibalaleyo engubomvu,Orenji,Mthubi nombala Oluhlaza.

Kutheni ndifakwa kwiTriage?

Sibeneenxhaki ezininzi ngaphambili apho izigulane bezifika kwelicandelo zigulakhulu,kodwa kungabikho mntu ozithathela nqhalelo ngobazime kukrozo zilinde ithuba lazo lokubonwa.Oku kungenza okokuba izigulane zibe sizigula kakhulu xa sezibonwa ngu gqirha.Ngamanye amathuba iziphumozoku zibangela ukusweleka kwezigulane ,iTriage inqanda oku:Ngokwenza uphengululo kroqo lomntu wonke ofika kwelicandelo nokunika inqhalelo kubo,ezona zigulane .ezigula kakhulu zizakubonwa kuqala,nanjengemfaneleko.

Kungokuba kuthenina abantu abafika emva kwam bebonwa kuqala?

Ngelishwa,xa izigulane zifika zikhethwa ngenkqubo ye-Triage,ntoleyo ithetha okokuba abobantu bangaguli kakhulu kufuneka balinde okwethutyana ngaphambi kokuba babonwe ngogqirha,khumbula okokuba ziimpawu nemilinganiselo yakho(ukubetha kwentliziyo,uxinzelelo lwegazi nezinye iimpawu). Ekwenza okokuba ubekwelinqanaba ukulo we-Triage.Ezinye izigulane kunokwenzeka okokuba zibonwe ngaphambili kwakho ngoba zigula kakhulu kunawe.
Umbala wam weTriage umele okanye uthetha ukuthini na?

Izigulane ezinobala obomvu zezona ezifanelwe ukubonwa kuqala okanye zingasweleka. Ezigulane ezinombala oorenji zezigulayo,kodwa zingalinda okwethutyanakangangexesha elingangeyure ezimbini okanye ezine. Izigulane ezinombala oluhlaza zezinenxhaki ezincinane okanye ezigulane kancinane.Ngamaxesha amaninzi ezizigulane zidinga okubonwa kwigumbi lonyango olukhawulezileyo,kodwa ezinye zinga ngcono ngokubonwa ekliniki okanye ngugqirha wosapho (family doctor)

Ndizakubonwa nini?

uGqirha uzukubona ngokukhawuleza xa efumana ithuba.Ukuba ulinde ixesha elide kungokuba abaqeshwa basaxakeke ngabantu abagulakakhulu. Siyanicela okokuba nikuqonde oku nilinde .Ayizizozonke iziguli ezifuna ukubonwa ngugqirha.Kwezinye iisenta(centres) sizama ukwenza amalungiselelo okubona ezizogulane zinombala oluhlaza.Okokutsho okokuba ungabonwa kwicandelo weTriage ngugqirha ozakuhlola enze novavanyo olulula.Kwezinye indawo kungezeka okokuba obonwe ngumongikazi.

Ungenza ntoni xa unganelisekanga?

Thetha nomqeshwa/nomsebenzi welicandelo xa ubona ingathi ufakwe kwicandelo letriage elingalunganga okanye awonwabanga bubude bexesha olilindileyo.Khumbula okokuba i-Triage yinkqubo ephononongwe ngokwenzululwazi lilonke maninzi amathuba okuba unikwe umbala olungele wena.Kwaye phinda ukhumbule okokuba xa abasebenzi beTriage bechitha ixesha elininzi bethetha okanye bephendula imibuzo yezigulane ezikwigumbi lokulinda izakuthabatha ixesha elide okokuba bakhathalele ezinye iziguli.Okokuba owukaneliseki ungabhalela umphathi wendawo okanye umongameli wezonyango ngezikhalazo zakho.Abasebenzi beTriage bangakunceda ngeenkcukaca.

THE SOUTH AFRICAN TRIAGE GROUP, 2009